

## Faka isicelo se-akhawunti yakwa-mr price money 24 manje

Thenga eMr Price Home nase-Mr Price online nasevenkileni. Ngaphandle kwase-Mr Price, Mr Price Cellular, Sheet Street ne-Miladys. (Xa uqala ukuthenga nge-akhawunti yakho yakwa-Mr Price Money24, awukwazi ukuthenga ngemali engaphantsi kweR1 250. Okulandelayo akukwazi ukuba ngaphantsi kweR400)

thenga i-airtime okanye idatha kwi-akhawunti yakho

fumana ikhadi elongezelelekileyo lelungu losapho

ukhuselekile nge-inshorensi yakwaMr Price

nxibelelana usebenzisa uMr Price Mobile

### ukufaka isicelo se-akhawunti, kufuneka u:

- yibangaphezulu kweminyaka eli-18
- yibanesazisi esisemthethweni okanye ipasipoti
- yibe uqashiwe ngexesha ufaika isicelo
- yibanenombolo yeselula esebeenzayo
- ube nembalu eyamkelekileyo yokuhlawula amatyala akho, uze unike imvume yokuba imbalu yakho iphonongwe kwiziko elijongene nembalu yokubhatala amatyala (Credit Bureau)
- ube nedilesi yeposi okanye yendawo ohlala kuyo

Kunokwenzeka ufunwe isiqinisekiso somvuzo wakho wenyanga kwisithuba esingangeenyanga ezi-3 okanye ingxelo yeenyanga ezi-3 ebhalwe phantsi evela ebbankini.

### indlela yokufaka isicelo

Gewalisa zonke iinkcukacha ngasemva kule fomu uthumele nge:

- WhatsApp 084 484 4845
- Email newacc@mrpg.com
- ifeksi (031) 328 4790
- ungabangenisa nakuyiphi na i-Mr Price Home okanye ivenkile ye-Mr Price Sport eMzantsi Afrika

Khumbula ukufaka inombolo yakho yesazisi kwiphepha ngalinye

### imali

- Intlawulo yokuqalisa: R30.00 kube kanye
- Intlawulo yenkonzo wenyanga: ukuya kuthi ga kwi-R15.00 pm \*

\*Intlawulo wenyanga nenya ngekunyuka ngaphandle kwesaziso. limimmiselo nemiqathango iyasebenza.

### ungalibili

Uyakufumana isitetimenti sakho wenyanga sibonisa isavenge sakho wenyanga, umhla omiselweyo wentlawulo kune nalapho ukuneka uhlawule. Ukujonga ibhalansi yengxelo yakho nangaliphi na ixesa enyangeni:

- cofa u \* 120 \* 410 #
- Yiya ku mrpricemoney.com

## iimveliso ezongezelelwego

### Mr Price Inshorensi

#### Sikukhuselo

- Sinoluhlu lweemveliso ze-inshorensi esinazo yenzelwe wena kuhphela.
- Njengomphathi weakhawunti ye-Mr Price Money24, iipremiyamu zibizwa ngokufanelekileyo kwi-akhawunti yakho.

Fumana lonke ulwazi kwaye ufaika isicelo seemveliso zeinshorensi kwa mrpricemoney.com namhlanje okanye utsalele umnxeba ku-0861 000 518 okanye nge-email ku: insuranceinfo@mrpg.com

### I-Mr Price Mobile

#### Masinxibelelane!

- khetha kuluhlu leemveliso zethu ze-SIM Top Up eziqala kwi-R30 ukuya kwi-R200 ngenyanga
  - fumana umoya wokuthetha kunomyayi, i-airtime, engena ngokuzenzekelayo qho ngenyanga
  - yifumane ngokulula, ityala lakho lifakwe kwi-akhawunti yakho yakwa-Mr Price Money24
- Uku fumana ulwazi oluthe kratya kune nokubona ezinye iimveliso koba kwiqondo - mrpricemoney.com okanye utsalele umnxeba ku-0800 000 430 okanye uthumele i-email ku-help@mrpmobile.com

### Mr Price Foundation

Eli lishishini elingajonganga kwenza nzuko lujolise ekuxobiseni ulutsha loMzantsi Afrika oluvela kuluntu olungathathi-ntweni, aphi abantu abatsha benza iinguquko ezakhayo ekuhaleni ngokuba ngabemi abakhuthazekile, abanempilo kwaye abaxhotysiweyo.

Ungathanda ukuba yintshatsheli enxanelwe ukwenza iinguqu? Kloba kweliqonga: mrpfoundation.org ngolwazi oluthe kratya.

### ikhona imibuzo?

- tsalela umnxeba ku-08610 66639
- Whatsapp - 0645841010
- Email ku-service@mrpg.com
- Kloba kweliqonga – mrpricemoney.com
- Ndwendwela ivenkile ekufuphi yakwaMr Price



Ukuvunywa kwe-akhawunti yakho kuxhomekeke kwiziphumo zophendlo lokuqonda ukuba uza kukwazi na ukubhatala ityala lakho kune nesiqinisekiso somvuzo wakho wenyanga. Zonke iimveliso ze-Inshorensi zibhalu phantsi kuka-Guardrisk Life Limited, iziko le-inshorensi eligunyazisiziweyo kwi-inshorensi yobomi nelibonefela ngemali (FSP No 76) kune no-Guardrisk Insurance Company Limited, iziko le-inshorensi eligunyazisiziweyo kungengoinshorensi yobomi nelibonefela ngemali (FSP No 75). UMiladys uyinxalenye yegela leevenkile zakwaMr Price group, iziko eligunyazisiziweyo ukubonelela ngemali nokuvula amatyala emali. FSP31450 kune ne NCRCP46. Kulandewla imimmiselo nemiqathango (T&Cs).



# Faka isicelo ngoku kwikhadi lakho le-mr price money24

Ikhadi elinye.  
Yonke into ngoMr Price.

Ifomu yesicelo

Ingaba ufunu ukwazi ngakumbi?  
Tyelala u **mrpricemoney.com** namhlanje.



# Immimiselo nemiqathango yokusetyenziswa kwekhadi le-akhawunti yakwa-Mr Price Money24

## 1. lingcacio

- 1.1. "UMthetho" uthetha uMthetho weSizwe wamaTyala, wama-34 wonyaka u-2005, kune neMimiselo ngokwezilungiso ezenziwego;
- 1.2. "Isivumelwano", "isivumelwano sekhredithi", "isibonelelo" okanye "i-akhawunti" sitetha ikhredithi Indawo kune neisivumelwano semboleko phakathi kwakho nathi sibandakanaya isititementi sangaphambi kwesivumelwano kune nekoteyishini kune nemigaqo neemeko zekhadi kune nezixhobo zetyala ezisebenza amaxesha ngamaxesa;
- 1.3. "Isicelo setalya" okanye "ukufaka isicelo" kuthetha xa usenza isicelo kuthi soncedo lwetyala;
- 1.4. "Ikhadi" lithetha ikhadi lakho le-akhawunti, elibizwa ngokuba likadi le-akhawunti yemali lakwaMr Price esikunike lona ukuba ulisebenzise ukuze ukwazi ukuncedakala malunga nezinto ezithengiswayo evenkileni.
- 1.5. "uMniki-tyala" "thina", "thina", "ezethu", "Mr Price" ubekisa kuMr Price Group Limited, odilesi yakhe ingu-Upper Level, North Concourse, 65 Masabalala Yengwa Avenue (ebesisaziwa ngokuba yi-NMR Avenue), Durban 4001, ongumboneleli ngamatyala emali ogunyazisiwego ngokomiselo we-National Credit Act 34 yowama-2005 ("NCA"), inombolo NCRCP46, uMboneyeli weenkonzo zemali ogunyazisiwego, inombolo, FSP31450, oquka ezi venkile: Mr Price, Mr Price Home, Mr Price Sport, Mr Price Cellular, Mr Price Mobile, Sheet Street kune ne-Miladys okanye nawuphi na umtu esinokudululisa kuye amalungelo okanye izibopholelo phantsi kwesti sivelelwanu.
- 1.6. "uMamkeli weTyala", "Wena", "owakho" uthetha, igama lomntu elibhalwe kwifom yesicelo setalya, isiteyimenti sangaphambi kwesivumelwano kune ikoteyishini nakubanu na u-Mr Price Group Limited omnika ityla phantsi kwale mimiselo nemiqathango.
- 1.7. "Umthetho wabaQokele bamaTyala" uthetha uMthetho wabaQokele bamaTyala we-114 of 1998.

## 2. isicelo, iziko lamatyala kune neisivumelwano samatyala

- 2.1. Nasiphi na isicelo sixhomekeke kwiinkqubo zethu zangaphakathi zokuvunywa kwetyala, le miqago nemiqathango, kune noMthetho. Ngokuxhomekeke kulo Mthetho, thina sinobulumko bokwala isicelo sakho ukuba awuzifezekisi imfuno zethu, ukumisela kune nokunciphisa nawuphi na umda wokuthenga ngetyala kwaye sinelungelo lokurhoxa okanye lokuvala indawo ngalo naliphi na ixesa.
- 2.2. Ukuphumelela kwasicelo sakho kuya kuxhomekeke kuluwazi osinike lona. Kubalulekile ukuba uqinisekse ukuba ulwazi olo luyinanyi yaye loluchanekileyo.
- 2.3. Uku isicelo sakho sithe saphumelela siya kunkuna isivumelwano sangaphambili nekoteyishini eya kukubekela umda kwimali yetyala ongenakugqitha kuwo, iindleko kune nezinye iinkukucha zetyala njengoko uMthetho ulindile.
- 2.4. Yakuba yamkelele ikoteyishini, le mimiselo kune nengxelo yesiVumelwano sangaphambili nekoteyishini yeendleko ziya kuba sisivumelwano phakathi kwethu.
- 2.5. Xa uthenga okokuqala kwiazhawunti yakho, swayipha ikhadi lakho kwaye usayinele zonke izinto azithengileyo kwi-invoyeri. Zonke ezi zenzo ziquka intsayino-gama usamkela imimiselo nemiqathango emitsha.
- 2.6. Uyacelwa ukuba uthi ggolo ukunkuna ulwazi ngalo naluphi na utshintsho olvenzakayo ebomini bakho olufana nobume bemali, umvuso kune / okanye ukungakwazi kwakho ukusihlawula; ukuze sikuwazi ukuphonononga imeko yakho yokukwazi ukuhlawula ukuze sibukonelele ngokuyalelwya ngu-NCA.

## 3. ikhadi le-akhawunti yakho

- 3.1. Uya kunkwa ikhadi le-akhawunti yaseMr Price Money24 ekufuneka uysayinile usebenzisa usiba lokuhala
- 3.2. Nguwe kuphela umntu onokusebenzisa ikhadi lakho kwaye awunakho ukudululisa komnye umntu okanye ugunyazise nawuphi na omnye umntu ukuba alisebenzise.
- 3.3. Uku ucelle amakhadi ongezelelweyo kwi-akhawunti yakho, uya kuthi uthwale uxanduva lokubhatala nantoni na ethengwe kusetyenziswa ikhadi elongzelelweyo. Naliphi na ikhadi elongzelelweyo esilikhupheli i-akhawunti yakho kufuneka lisayinwe ngaphandle kokupholisa amaseko ngumntu omtyumbileyo ukuba asebenzise elo khadi elongzelelweyo. Nguwe kuphela

okanye umnini wekhadi elongzelelweyo abanokusebenzisa elokhadi elongzelelweyo.

- 3.4. Xa uqala ukuthenga nge-akhawunti yakho yakwa-Mr Price Money24 awukwazi ukuthenga ngemali engaphantsi kweR1 250. Okulandelayo akukwazi ukuba ngaphantsi kweR400
- 3.5. Ubonini behkadi okanye amakhadi buxhomekeke kuthi kwaye kufuneka ulibuyisele okanye uwabuyise amakhadi xa efunwa.
- 3.6. Unokusebenzisa ikhadi lakho ukuthenga kwa-Mr Price Home okanye eMr Price Sport usebenzisa ikhadi le-akhawunti enye. Awunakho ukuthenga ngaphandle kokuba uvezekhadi lakho.
- 3.7. Luxanduwa lkakho ukugcina ikhadi le-akhawunti yakho ngokukhuselekileyo. Ukuba ikhadi lakho okanye ikhadi elongzelelweyo libiwe, kufuneka usazise ngokukhawulezangokutsale umnxeba ku-08610 66639. Ukuba ueyhuleka usazisa ukuba ikhadi lebiwe uza kuba noxanduva lokuhlawula i-akhawunti.
- 3.8. Umnini wekhadi le-akhawunti elongzelelweyo kufuneka abe ngaphezulu kweminyaka eyi-18.

## 4. umda wetyala

- 4.1. Imali eseleyo oyishiyeleleyo xa ubhatala amaxesha ngamaxesa ayinakudlula kumyinge wakho wekhredithi ngowona mda wokuqala wokuthenga ngetyala ekubhekiwe kuwo kwikoteiyishini yakho yangaphambi kwesivumelwano.
- 4.2. Ukuwa unqwelenla ukufanelela ukuba lenyuswe ityla lakho ngokuzenkelay qho ukuphela konyaka, Cacisa kwifomu yesicelo setalya ngokukhetha ngokufanekileyo. Ukuwa ukuthetha ngolo hlobo siza kuqhuba sjonga indlela obhatala ngayo size siksikusele umda wakho wetyala rhoqo ukuphela konyaka wekhredithi uya kuncitishwa kwinto owawuyiyo ngaphambi kokonyuka ngokuhambelana noMthetho.
- 4.3. Ukuwa unqwelenla ukuba umda wetyala wonyuswe okwexeshana, ufanele ukusazisa ukuba eso siceko sakho sisirekhode. Ukuwa siyavumelana, uayakonyusa umda wetyala lakho okwethuthayana kwaye oka ukwahomekeke kuthi. Wakuba ulibhatele ityla elo umda uya kuphindela kula nto obukade uyiyo kuqala phambi kokonyusa.
- 4.4. Ukuwa nangaliphi na ixesa unokunqwenela ukonyuswa komda wetyala kwimeko engasigayo le ingentla, faka isicelo sakho sikuncede. Thina siza kuponononga imeko yakho yokufikela okuya kuquka ukufuna ungenise kuthi iziqinisekisokwamkela kwakho ngenyanga (iziqinisekiso zomvuzzo ezi-3 zasebhankini nezinye iziqinisekiso zemali oyihlawulwayo iyone ngokuhambelana noMthetho).
- 4.5. Unokusiyalela nangaliphi na ixesa ukunciphisa umda wetyala lakho okanye sibeke owona mda uphezulu. Sinelungelo lokunciphisa, ukutshintsha okanye ukurhoxisa iakhawunti yakho kune wetyala lakho.

## 5. ingxelo yenya kune nentlawulo

- 5.1. Siza kuyithumela kuwe ingxelo yakho yenya nge-imyele okanye ngomyalezo othunyelwa kumonyayi wakho eSMS, ngokuhambisana nokukhetha kwakho nelixa ugcwalsia ifomu yokufaka isicelo sokuvula i-akhawunti. Ingxelo iya kuveza, phakathi kwezinye iinkukucha njengoko kufunwa nguMmiselo 35 kumthetho olawula amatyala emali -iNational Credit Act:
  - 5.1.1. Isixa semali osityalayo kanye ke ngalomhla ufumana ingxelo ye-akhawunti yakho;
  - 5.1.2. izinto ezithengiweyo kulonyaga;
  - 5.1.3. nyapihi na inkonzo yemali okanye intlawulo yenkonzo yenya;
  - 5.1.4. inzala yonyaka echaphazeleyako;
  - 5.1.5. inzala eyongezwa ngenyanga;
  - 5.1.6. esona sixa semali siphantsi ekufuneka usibhatalile ngomhla obekiweyo.
- 5.2. Ukgungafumi ingxelo yakho akukuhululi kuxanduva lokuhlawula nasiphi na isixa esifanele ukuhlawula njengoko unokufumana iinkukucha kuthi malunga ne-akhawunti yakho kune nemali esikweteli esesleyo ngokutsale umnxeba ku-08610 66639 ngamaxesa omsebenzi aqheleleyo.
- 5.3. Kufuneka sifumane ubuncinci intlawulo elindelikilo kulonyanga njengoko kubonisisi kwingxelo ye-akhawunti yakho ngenyanga, okanye isixa-mali esingama-R30 (nokuba neyiphi na eyona inku) kanye ngomhla obekiweyo wokuhlawula okanye ungekafiki umhla lowo.
- 5.4. Ungahlawula nasiphi na isixa osityalayo, nangaluphi na usuku.
- 5.5. Ingxelo zenyanga zamkelwa njengezichanekileyo ngaphandle kokuba kube nombuza okanye isikhalazo esifakwa zingaphelangsa iintsuksu ezingama-60

## 6. Inzala kwimali oyibolekileyo

- 6.1. Umlinganiselo wenzala osebenzayo kwityala lakho ngumyinge wenzala

oyibalelwyo kwisiteyitmenti sokubalelwya kwakho sangaphambi kwesivumelwano, isisona sixa malli siphezelu esivunywe ngu-NCA amaxesha ngamaxesa. Lo mlinganiselo uphezulu we-NCA unxulunyaniswa nereyithi yokuthenga kwakhona ("Repo Rate") kwibanki enguVimba (Reserve Bank kwave oku kuxhomekeke kwifomula ebekwe ngu-NCA. Nanini na xa iRepo Rate inyuka okanye incipha ifomula ngokwe-NCA itshtintsha inzala ehlawula nguwe yilo ita kwenyuka okanye yehle ngokufanekileyo. yehla okanye ifomula ngokwequyu ze-NCA, iqondo lenzala elihlawulwa nguwe liya kunya okanye linciphe ngokufanekileyo. Uya kwaziswa ngembalelwano kwisiteyitmenti zakho zenyanga.

- 6.2. Inzala iya kubalwa yonke imihla ile idityaniswe ngenyanga, ngomhla omiselweyo wezavenge, kwimali eseleyo kude kube ngumhla wentlawulo. Inzala ke ngoko yongeza kwibhalansi yakho eseleyo.

## 7. lindleko ze-akhawunti

- 7.1. Siza kuhlawulisa umrhumo wokusebenza kwe-akhawunti inyanga ngenyanga. Intlawulo yokualisa iyakucaciswa kwifomelo yangaphambi kwesivumelwano sokuvula i-akhawunti nokuqiklelela indleko kune /okanye kungenjalo waziswe ngembalelwano. Ngokukubona kwethu umrhumo wokusebenza kwe-akhawunti inyanga ngenyanga inyanga ngaryuswa amaxesha ngamaxesa ukuba ayizukugqitha kwesona sixa siphezelu esibekwe ngokuhambisana nomthetho kwazwelonek wamatyala emali. Umrhumo wokusebenza kwe-akhawunti inyanga ngenyanga iya kufakwa kwi-akhawunti yakho ngenyanga nganye. Singawurhoxisa umrhumo wokusebenza kwe-akhawunti inyanga ngenyanga ngokupheleleyo okanye ngokuyinxerye amaxesha ngamaxesa ngokubona kwethu. Imirhimo yenkonzon yenyanga ngenyanga inokurhoxisa sithi iphelele okanye inxenyne ngokukubona kwethu.
- 7.2. Singakurhumisa intlawulo yokualisa xa uvula i-akhawunti yakho eyakucaciswa kwifomelo yangaphambi kwesivumelwano sokuvula i-akhawunti nokuqiklelela indleko. Le ntawlu yokualisa, ukuba kufanele, unghahlawula ngaphambi kokuba ibizwe, kungenjalo, iya kongezwa kwityala lakho.

## 8. I-inshorensi

- 8.1. Unokukhetha ukwamkela okanye ungasivumi isicwangciso sokuhuselwa kwekhadi elilahekileyo (LCP), isicwangciso sokhuseleko lomthengi (CPP), isicwangciso se360 Degree (360), isicwangciso somngcwabo wosapho, isicwangciso sabagibelis bezithuthi zomphakathi-(A2B) okanye isicwangciso seMedinet.
- 8.2. Unokwenza ezakho izicwangciso zokuthatha i-inshorensi yamatyala.
- 8.3. Ukuwa ukhetha ukwamkela i-LCP, i-CPP, i-360, isicwangciso somngcwabo wosapho, i-A2B okanye isicwangciso seMedinet uzithatha kuthi, uayaziswa ukuba thina sifumana ikhomishni evela kwi-inshorensi malunga nezonckukacha ze-inshorensi eziza kuchazwa kuxwebhu lwakho lepolisi.
- 8.4. Ezi mveliso zichazwe ngokubanzi kuxwebhu lepolisi oluya kuthunyelwa kuwe ukuba ukhetha enye yezi zicwangciso zokhuselo, khona njalo isicwangciso ngasinye siswankathelwe ngokufutshane ngoluhloblo:
  - 8.4.1. **LCP** - I-inshorensi ekhusela ukusetyenziswa ngobuqhetseba kwekhadi lakho lakwaMr Price Money24 xa ulichazile ukuba lilahekileyo okanye libiwe.
  - 8.4.2. **CPP** - Ikhusela ityla le-akhawunti yakho yakwaMr Price Money24 xa kungenzeka uswelleke, udendwe emsebenzini, okanye uhlaselwe sisifo esinzima ugula kune nokulaliswa esibhedele ubusuku obu-3 ngokulandelana.
  - 8.4.3. **360** \* - Ukgumana imali eyi-R10 000 ye-inshorensi kwimeko yokuswelleka, ukudendwa emsebenzini, ukuhlaselwa zizigulo ezithile ezinobuzaza kune nokulaliswa esibhedele kangangeentsuku ezi-3 zilandelana.
  - 8.4.4. **A2B** \* - Fumana i-R50 000 yokufa ngengozi kune ne-R75 000 yokwenzakala ngengozi (okanye iphesenti ethile yemali) ukuba uhlangene nezingozsi ungumqhubi okanye umgibeli, kweyakho imoto okanye imoto engenye.
  - 8.4.5. **Isicwangciso sokuhuselwa kweMedinet** \* - Fumana i-R30 000 eyi-inshorensi yokugula okumandunu, i-R3 000 i-inshorensi yokulaliswa esibhedele esibhedele ubusuku obu-3 bulandeliana kune nomvuzzo we-R5 000 ehlularaniswayo ihlawulwe ngenyanga ezi-3 ukongeza umvuzzo wakho. Olu asiloncedo lwezonyango, yi-inshorensi encedisa ukubonelela ngeendleko ezingezizo ezonyango ngenxa yokulaliswa esibhedele. Le-inshorensi uyakwazi ukuyithathela iqabane lakho okanye abantwana abaxhomekeke kuwe abangaphantsi kweminyaka eyi-18 ngentlawulo eyongezelelweyo.

Olu asisilo uncedo iwezonyango. I-inshorensi ibonelelwa ngeendleko ezingeziso ezonyango ngenxa yokulalisa esibhledle.

\* I-inshorensi iyafumaneka kumaqabane nakubantwana abaxhomekeke ngaphantsi kweminyaka eli-18 rengerfu eyongezelwelweyo

- 8.4.6. Isicwangciso somngcwabo wosapho sinceda ukugungubela iindleko ngexa kulungiselelwa umngcwabo wakho kune nabathandekayo bakho. Furuma imali engafikeleka kwi-R20 000 esiscwangciso somngcwabo wakho kune neqabane lakkho, kwaye kuya kuthi ga kwi-R7 500 esiscwangciso sokungcwaba kufikelela kwabwane abantwana bakho abangaphantsi kweminyaka eli-18.

Zonke iimveliso zelnhorsene zibhalwa phantsi kula-Guardrisk Life Limited, iziko le-inshorensi eligyunazisitewyo kwi-inshorensi yobomi nelbonelela ngemali (FSP No 76) kune no-Guardrisk Insurance Company Limited, iziko le-inshorensi eligyunazisitewyo kungengo-inshorensi yobomi, nelbonelela ngemali (FSP No 75). UMR Price Group Limited, uliziko eligyunazisitewyo lokubonelala ngemali nokuvula amatyalu emali. FSP31450 kune neNCRCP46. Kusetyenziswa imimiselo nemiqathango (T&Cs). Ukubona ezimveliso ngokupheleleyo, yiya kwiwebsite yethu ethi: www.mpricemoney.com okanye utsale umnxeba kulenombolo - 0861 000 518

## 9. ukophulwa kwesivumelwano kune nokuvalwa kwe-akhawunti

- 9.1. Sizakukwazisa ngembalelwano ukuba uyasilela kwintlawulo zakho kwaye sizawukucebisa ukuba isivumelwano owasitylikityayo usithumele kumcebisis ngamatyala, kwi-arhente zokuxazulula impikiswano, kwinkundla exoxa imiba yabathengi okanye konegunaya lomamela izikhala zo zabathengi , i-ombsudsman energuna, ukusombulula imbambano nengesivumelwano se-akhawunti okanye ukuvumelana ngescicwangciso sokuhlawula ityala ngokupheleleyo zisa iintlawulo ziilaziyiye.
- 9.2. Ukuba usilele ngentlawulo ubuncinci iintsku ezingama-20 zokusebenza kwaye zidulile iintsku ezili-10 zokusebenza ungekaphenduli kwisaziso esikutumehlele sona ngokusilela kwintlawulo kwaye, okanye usiphendule ngokwala izindululo zethu, singasirhoxisa isivumelwano okanye sicele inkundla yomthetho uba ikhuphe umyalelo wokunyanzelisa ukuba uhlawule ngokwesivumelwano. Ixesha leentsku ezingama-20 kune neentsku ezili-10 zingahambisana ngaxeshanye.

## 10. iintlawulo zomthetho kune neezinye iindleko neemali

- 10.1. Ukuba iakhawunti yakho ukhe awayihlawula:
- 10.1.1. linkucacha ziza kwazisa kwziko lamatyala i-Crediti bureau ngokoMthetho kwaye lo nto ingakuthintel ekubeni uphinde uvule enye iakhawunti okanye ufumane izinto okanye imali ngetyala.
  - 10.1.2. Singalurhoxisa uncedo kwaye sikunike isaziso seentsku ezili-10 ngaphambili kokuvula iakhawunti yakho. Ukuba ithe yawalwa iakhawunti yakho, kuya kulindeleka ukuba uylawule uygqibe iakhawunti yakho ungashiyi nesenti, kwaye....
  - 10.1.3. Sinelungelo lokukubiza irinala, kwangeziya reyithi ziboniswiwe kwiisityementi sangaphambi kwiwesivumelwano, uze uhlawule imali yokulawulwa kokwaphulwa kwiwesivumelwano nguwe neendleko esingene kuzo sizama ukupokelela imali obunyanzelwe sisivumelwano ukuba uzbibatale. Nangona kunjalo ezi ntlawulo, kune neendleko azyi kudlula kubuninzi obuvunyelwe yi-National Credit Act.
  - 10.1.4. Iakhawunti yakho inganikezelwa kwi-arhente yokuqokelela amatyalu ukuze kufunyanwe isixa-mali esifunekayo kwaye uya kuuhawuliswa iindleko ezzilendelekiylo phofu ezingayi kudlula kwezo zivunyelwe ngu-NCA noMthetho wabaqokeleli-matyala ukuba uyasebenza kwimeko leyo, kwaye
  - 10.1.5. Ukuba kuya kufuneka sithathe amanyathelo asemthethweni ngokuchasene nawe (sikhuphe isaman) uya kuba noxandawa lwazo zonke iindleko zomthetho ukuquka ezmthetho iindleko, iindleko zokuqokelela kune nemirhumo yokukulandeleta.
- 10.2. Zonke ezi ndleko zingentla ziya kufakwa kwi-akhawunti yakho, ngokunjalo neezinye iintlawulo kune nemirhumo njengoko eqgiba njalo u-NCA.
- 10.3. Isigwebo sinokuthathwa nxamnye nawe.

## 11. isatifiketi nokuba sematyaleni

Isatifikethi esisayinwe nguye nawuphi na wabaphathu bethu (abaddingi kuchongwa nokunku igunye) esiveza isixa setyala lakho kune nenzala eyongenzwe kwi-akhawunti yakho, siya kuba sisiqinisekiso esaneleyo setyala lakho kulo naliphi na inyathetho lomthetho eliya kuthathwa njengobungqina obuyinyaniso de ube uqinisekisa ukuba unobungqina bokuba imali okuthiwa uyayityala ayiyyilo.

## 12. ukurhoxiswa

Ukuba ngaso nasiphi na isizathu okanye injongo asikhawulezi sinyanzelise okanye sisebenzisa amalungelo ethu ngokwemimiselo yesivumelwano sethu nawe lo nto ayithethi konke ukuba siwayekile okanye siwancamile kungenjalo siwarhoxisise amalungelo ethu.

## 13. ukuvumelana nolawulo

Ngokwecandelo lama-45 loMthetho weNkundla kaMantyi, 32 ka-1944, ("MCA") uyavuma ukuba singathatha amanyathelo asemthethweni anento yokwenza nesi sivumelwano okanye i-akhawunti yakho, kwinkundla kaMantyi, nokuba yilo nayiphi na iNkundla kaMantyi, ngokwecandelo lama-28 le-MCA, enegunya lokulawula. Phofu sisenokuthetha ukuthatha amanyathelo omthetho kuyo nayiphi na enye inkundla enegunya.

## 14. lidilesi

Idilesi yendawo ohlala kuyo osinika yona xa ugcwallisa ifomu yesicelo yeyona dilesi oyikhethayo apo azisizo zomthetho kwaye nayiphi na inkubu elandelwayo zinokuthunyelwa kuwe ngayo "ikhaya elisigxina" ngendlela okhetho ngayo kwisicelo sakhlo. Idilesi yeposi yakho (yindawo yokuhala, eposini okanye kuhamba ngamaza ekhompyutha -email) iya kusetyenziselwa ukuhambisa ingxelo, izaziso okanye olunye unxiblelwano. Kuya kufuneka usazise inike ukuba uyathutha uyhohla kwenye idilesi okanye utshintsha idilesi yakho.

## 15. linkcukacha zabathengi ngamatyala nezikolamatyala

- 15.1. Uyavuma ukuba sinoku:
  - 15.1.1. yenza imibuzo yokuqinisekisa naluphi na ulwazi olunikezwe nguwe kwisicelo sakhlo okanye nangaliphi na ixesha ngexesa sivumelwano;
  - 15.1.2. ngenisa kulo naliphi na iziko lamatyala okanye umuntu wesithathu (onobudlelwane naye kwezemali nangaliphi na ixesha)
  - 15.1.3. naluphi na ulwazi olunikezwe nguwe malunga nesakho isicelo, ukuvulwa okanye ukulawula kwiwesivumelwano okanye i-akhawunti yakho; funa, uqinisekise kwaye ufumane ulwazi kubantu abaku-15.1.2 apha ngasentla xa kuvavanywa isicelo sakhlo okanye ukufaneleka kwekhredithi yakho, nangalo naliphi na ixesha ngexesa lobukho be-akhawunti yakho;
  - 15.1.4. ukubonelela, ukuveza kune nokubhalisa ubukho kwiwesivumelwano kune nalo naluphi na ulwazi lomntu kune neenkukacha ezinxulumene noko, abantu ku-15.1.2 apha ngasentla, ukubewelana ngolwazi oluchanekileyo nolubi malunga nawe okanye iakhawunti yakho yekhredithi, kubandakanya ukungathethwa kwiwesivumelwano
- 15.2. Uyayiqonda kwaye uyayiqonda iziko lamatyala eliza kusinika lona ngolwazi lweprofital yetyla kune nenzaku lekhredithi elibonisa ikhredithi yakho-ukufaneleka.
- 15.3. Siya kuba nelungelo lokufumana kwaye sichaze le ngcaciso ingentla
  - 15.3.1. ukuba sicinga ukuba kufanelekle okanye kunokuba lunchedo kuwe;
  - 15.3.2. aphi sinyanzelwe ngokusemthethweni ukuba senze njalo;
  - 15.3.3. aphi ikhoyo kuthi, okanye umdu voluntu ukuthyula oko.
- 15.4. Uyavuma ukuba iinkcukacha zakho esizinkwie nguwe, zingasetyenziswila lilo naliphi na icandelo le-Mr Price Group, kuukuka u-Mr Price Mobile xa besenza iintsezo nezinye izinto ezimalunga nokuthengisa. Xa ungathandi ukuba iinkcukacha zakho zisetyenziselwe esi sizathu, nceda usazise ngokusithumela i-email ku-service@mrgp.com
- 15.5. Uyeke nawaphi na amalungelo okanye amabango onokuba nawo ngokuchasene nathi ngokunxulumene ukunikezelwa kolwazi kuthi okanye ngokwesi sivumelwano.
- 15.6. Unelungelo lokuhagamshelana nezikolamatyala, ufumane ingxelo ye ikhredithi yakho iirekhodi ochazelwe zona, ukucela umnegeni olo lwazi kwaye unayo ulwazi olungachanekanga lulungisiwe. Amaziko agcina inkacelo ngetyala asetyenziswila sithi zezi:
  - XDS: telephone: 011 645 9100;
  - TransUnion Credit: telephone: 0861 48 24 82;
  - Experian Credit Bureau: telephone: 0861 10 56 65.
- 15.7. Ungakwazi nokufaka naziphi na izikhala zo kwiNational Credit Regulator kule nombolo 0860 627 627 okanye uqahagamshelane neNational Credit Tribunal.

## 16. ukugabalala

- 16.1. Siza kubeka iliso kwaye sibhale phantsi zonke iincoko zemfonomfonos esizithetha nawe.

16.2. Uyaqinisekisa ukuba imimiselo nemiqathango nentsingiselo kune nezipphumo zesi sivumelwano uziboniwiwe zaza zachazwa kuwe ngolwimi olwaziyo nolugondayo. Umngcipheko onxulumene ne isivumelwano kune namalungelo noxanduva lwakho uwucaciselwe nawo ngokunjalo.

16.3. Ukuba ngaba utshatile kune neqabane lakkho komthetho wobudlelwane bezinto uyaqinisekisa ukuba uyiphante imvume yokuvula iakhawunti nokwamkela ukunyuka kuMyinge oPhezulu weTyala kune / okanye uMda weTyala osebenza kwi-akhawunti yakho.

16.4. Sinelungelo nangaliphi na ixesha ukuyeka, ukwabela okanye ukugqithisela nayiphi na okanye yonke into yethu okanye amalungelo noxanduva olapha ngezantsi kuye nawuphina umtu.

16.5. Asiyi kubekha tyala ngayo nayiphi na ilahleko okanye umonakalo ogcinwe nguwe okanye umtu wesithathu ngokubhekisele kwisicelo sekhhredithi okanye malunga nesivumelwano.

16.6. Ukuba asikwazi kunyanzelisa nayiphi na imeko phantsi kwesi sivumelwano, ayinakuchatshazelwa nayiphi na eminye imiqathango phantsi kwesi sivumelwano.

16.7. Uku isebezen iphindie ibophele, ngaphandle kokuba kwensiwe olo hlengahlenggo lwenziwe ngokuhambelan ne-NCA, naluphi na utshintsho okanye izilungiso kwesi sivumelwano malwenzive ngokubhalwa phantsi okanye kurekhoodhe ngomnxeba kwaye emva koko kujinisekiswe siti ngokubhalwa. Sinako, nangona kunjalo, nangaliphi na ixesha ukuhlomela okanye sibeke endawena yale migaqo nemiqathango kwaye ukuba senza njalo, oko akuthethi ukuba akukho sivumelwano, nayiphi na intengiselwano okanye ityala lakkho (okuthetha ukuba sivumelwano esitsuna asizukubakaho).

16.8. Isivumelwano sangaphambili semali nale mimmiselo nemiqathango senza sonke sivumelwano phakathi kwakho nathi malunga neakhawunti yakho yetyala kwaye oko kuwalulwa kwaye kutolikwe ngokungqinelana nemithetho yeRiphabiliki yomZantsi Afrika.

16.9. Unelungelo lokungabandakanya kuyo nayiphi na into efana-

16.9.1. nomkhanko wokuthengisa ngomnxeba onokwenziva siti okanye wenzelwe thin;

16.9.2. uludwe lwezentengiso okanye lwapathengi olunokuthengisa okanye luhanjiswe siti, ngaphandle kwaleyo ifunwa yi-NCA;

16.9.3. ukuhanjiswa ngobuninzi kwe-email okanye imiyalezo yeSMS.

17. selula

17.1 Nceda ufunde imimiselo nemiqathango oza kuzifumana ngokunxulumene resixhobo seselula esikutengisela yona.

17.2 Ngokugabalala:

17.2.1 Abathengi abavula i-akhawunti entsha banokuthenga isixhobo esinye seselula kuphela xa bethenga okokugala.

17.2.2 I-akhawunti yomthengi inqunyelwe ukuthenga iselula enye xa kuthengwa iselula okokuqala ngqa kwi-akhawunti.

17.2.3 Lomda ubekiweyo awunanzwa emva kweenyanga ezi-3.

## 18. Umthetho woKhuselo IweeNkukacha zoMntu - i-POPIA

18.1 Ngokomthetho we-POPIA:

18.1.1 Sizimisele ukugcina ubumfihi beenkcukacha zakho okanye ulwazi olumalunga nawe.

18.1.2 Siqokeyela, siccine, ze sisebenzise iinkcukacha zakho ngendlela eyiyo, ngokuhambelan noMgaqo-nkqubo wethu woBumfihi ofumaneka ku: https://www.mrpricegroup.com/mr-price-group-privacy-policy.aspx.

18.2 Ukuba uneenkalabalo malunga noMgaqo-nkqubo wethu woBumfihi, okanye indlela esiqokeyela, siccine, ze sisebenzise ngayo iinkcukacha zakho, ungathumela ithumele nge-email ku-privacy@mrgp.com.

## kunemibuzo?

Sitsale umnxeba ku-**0861 66639** okanye uthumele i-email ku: newacc@mrgp.com

Ukuvalwa kwe-akhawunti: Zalisa zonke iinkcukacha ngasemva kule fomu, kubandakanya inombolo yakho yesazisi ephawulwe ngokucacieleyo kwpiphepha ngalinye.

## thumela ifomu ngezindlela zilandelayo:

- WhatsApp: **076 379 8395**
- Email: **newacc@mrgp.com**
- Fax: **(031) 328 4790**
- Yishiye kwivenkile yakwaMr Price ekufuphi